# Ukuya Emajukujukwini

## Imibuzo phambi kokufunda

1. Xela izinto ezibonakalayo esibhakabhakeni.
2. Wena unawo umnqweno wokuya enyangeni? Ewe okanye hayi.



EXTRACT PAGES

Emajukujukwini kusesibhakabhakeni, indawo engaphandle komhlaba esihlala kuwo kwaye iiplanethi neenkwenkwezi zifumaneka khona. Kuthule kakhulu emajukujukwini.

Chaza ukuba zifumaneka phi iiplanethi neenkwenkwezi.

# Amaphulo okuya emajukujukwini.



EXTRACT PAGES

Elokuqala, lelokugqitha kufutshane neplanethi nenyanga ukuze uthathe iinkcukacha ukude. Elesibini, lelo lenzelwe ukuhlalela ukujikeleza inyanga okanye iplanethi. Elesithathu, lelo lokuhlala kwiplanethi okanye kwinyanga. Elokugqibela, lelo lezithuthi ezenzelwe ukunqumla iplanethi okanye umphezulu wenyanga.

Mangaphi amaphulo okuya emajukujukwini?

# Kuyiwa ngantoni emajukujukwini?



EXTRACT PAGES

Zikhona izithuthi ezikhethekileyo ezithatha abantu kunye noomatshini emhlabeni zibase emajukujukwini. Ezi zithuthi zibizwa ngokuba ziziphekepheke. Zihlala kwizitishi ezenzelwe zona kwaye zikude ebantwini. Zinamandla yaye zinesantya esiphezulu kakhulu zokusithatha siye emajukujukwini.

Yintoni igama lezithuthi ezisa abantu emajukujukwini?

# Ngoobani abaya emajukujukwini?




Kuya oosomajukujuku. Banxiba impahla evalekileyo efana yodwa ukuze bakwazi ukumelana neengqele nobushushu obusemajukujukwini. Kuthatha imizuzu engama-45 ukunxiba le mpahla, kwaye ibanika umoya wokuphefumla - i-oksijini ngeli thuba basebenzayo emajukujukwini. Ikwanayo indawo yokugcina amanzi okusela, unomathotholo wokunxibelelana, kwaye ibakhusela kuthuli olusemajukujukwini.

EXTRACT PAGES

Ngoobani abaya emajukujukwini?

# Bayela ntoni emajukujukwini?



Injongo ephambili kukufuna ulwazi. Sifumana indlela entsha yokufunda umhlaba, inkqubo yelanga kunye nendalo esingqongileyo. Sifunda ngembali yomhlaba. Sikhuthaza isizukulwana esitsha sezazinzulu kunye neenjineli, kwaye oku kudala amakhondo amatsha empangelo. Enye injongo, kukuphononongа okungaziwayo ukuze kufumaneke ulwazi olutsha.

EXTRACT PAGES

Bayela ntoni emajukujukwini?

# Yeyiphi enye indlela yokufumana ulwazi lwasemajukujukwini?



Luza ngeesathelayithi. Isathelayithi sisithuthi okanye yinto ejikeleza enye into enkulu kunayo. Umzekelo, umhlaba yisathelayithi ngoba ujikeleza ilanga, nenyanga yisathelayithi ngoba ujikeleza umhlaba. Umhlaba kunye nenyanga ziisathelayithi zendalo. Kodwa ke, zikhona iisathelayithi ezenziwe ngabantu kwaye zingoomatshini abathunyelwa emajukujukwini. Aba matshini bahlalela ukujikeleza umhlaba okanye enye into abayithunyelelwe ukuyijikeleza.

EXTRACT PAGES

Yeyiphi enye indlela yokufumana ulwazi lwasemajukujukwini?

# Kutheni zibalulekile iisathelayithi?




EXTRACT PAGES

Kungokuba ezinye zithatha imifanekiso yomhlaba. Kanti ezinye zithatha imifanekiso yezinye iiplanethi, eyelanga, eyentaba-mlilo, imililokazi, nemisi. Zisiphathela ulwazi ngamafu, ngomoya, ngolwandle, nangomhlaba. Oku kunceda iinzululwazi zifunde ngomhlaba, ngenkqubo yomoya, imozulu, nangendalo iphela, kwaye nabalimi bayancedakala.

Kutheni zibalulekile iisathelayithi?

# Ijongeka njani isathelayithi?



Iisathelayithi zenziwe ngeendlela ezahlukeneyo kwaye nobukhulu bazo abulingani. Kodwa ke, uninzi lwazo luneempondo kunye nomthombo wamandla okanye ibhetri. Iimpondo zisetyenziswa ekuthumeleni nasekufumaneni ulwazi. Ibhetri yenza amandla ngokuthi iguqule ilanga libe ngumbane.

EXTRACT PAGES

Ijongeka njani isathelayithi?

# Iplanethariyam



EXTRACT PAGES

Ukundwendwela iplanethariyam. Yindawo efundisa abantu ngendalo iphela; iinkwenkwezi, iiplanethi, umhlaba, nenyanga. Isakhiwo sayo singqukuva kwaye imifanekiso ibonakala kwisilingi.

Kwenziwa ntoni kwiplanethariyam?

Ngenye imini!



EXTRACT PAGES

Le ndawo ukuyo iyajikeleza. Uyangena esibhakabhakeni. Uyibone inyanga phambi kwakho. Kube ngathi uzayibamba, qha ayibambeki.

Ucinga ukuba iyabambeka inyanga?



Kumnandi kakhulu! Ingathi uyaphupha.

EXTRACT PAGES

Ucinga ukuba kubalulekile ukufunda ngezinto zasemajukujukwini?